URhulumente
weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Deborah Williams**
ICandelo loLawulo loVavanyo
Deborah.Williams@westerncape.gov.za | 021 467 2407

**IIKHRAYITHERIYA ZAMABHASO ESATIFIKETHI SEMATRIKI SIKAZWELONKE ANGO-2024**

**A. AMABHASO ANIKWA IZIKOLO**

**UDIDI 1 – EZONA ZIKOLO ZIWUPHUCULE KAKHULU UMGANGATHO**

Kolu didi, zonke izikolo ziya kufumana isatifikethi.

**Udidi 1a: Ezona zikolo zikarhulumente ziwuphucule kakhulu umgangatho**

Amabhaso aya kunikwa izikolo EZILISHUMI ezinabaviwa abayi-30 okanye abangaphezulu ezibonise ukuphucuka okukhulu kwireyithi yokupasa ngokungatshintshiyo kwithuba elisusela ngo-2022 ukuya ku-2024. Iikhrayitheriya zikwabandakanya ukuligcina inani labaviwa beBakala 12 lingatshintshanga kwithuba leminyaka emithathu ukususela ngo-2022 ukuya ku-2024, apho inani labaviwa elibhala ngo-2024 kufuneka lingabikho ngaphantsi ko-90% wenani lomndilili labaviwa ababhalayo ngo-2022, 2023 nango-2024.

**Udidi 1b: Izikolo eziphakamileyo zobugcisa ezizezona ziwuphucule kakhulu umgangatho**

Amabhaso aya kunikwa isikolo esiphakamileyo sobugcisa ESINYE okanye isikolo esiphakamileyo sikarhulumente ESINYE esibonelela ngeZifundo zeKhondo loBugcisa (*Technical Pathway*) esibonise ukuphucuka okukhulu kwireyithi yokupasa ngokungatshintshiyo kwithuba elisusela ngo-2022 ukuya ku-2024 (esinabaviwa abayi-30 elona nani lisezantsi). Iikhrayitheriya zikwabandakanya ukuligcina inani labaviwa beBakala 12 lingatshintshanga kwithuba leminyaka emithathu ukususela ngo-2022 ukuya ku-2024, apho inani labaviwa elibhala ngo-2024 kufuneka lingabikho ngaphantsi ko-90% wenani lomndilili labaviwa ababhalayo ngo-2022, 2023 nango-2024.

**Udidi 1c: Ukwanda okukhulu kwipesenti yabapase ngeereyithi zokwenza izifundo zesiDanga sokuqala (*Bachelor's degree*)**

Amabhaso aya kunikwa izikolo EZILISHUMI ezinabaviwa abayi-30 okanye abangaphezulu ezibonise ukwanda okukhulu kwipesenti yabaviwa abapasele ukwenza izifundo zesiDanga sokuqala kwithuba elisusela ngo-2022 ukuya ku-2024. Iikhrayitheriya zikwabandakanya ukugcina inani labaviwa beBakala 12 lingatshintshanga kwithuba leminyaka emithathu ukususela ngo-2022 ukuya ku-2024, apho inani labaviwa ababhala ngo-2024 kufuneka lingabikho ngaphantsi ko-90% wenani lomndilili labaviwa ababhalayo ngo-2022, 2023 nango-2024.

**Udidi 1d: Ukwanda okukhulu kwireyithi yokupasa ukusuka ku-2023 ukuya ku-2024**

Amabhaso aya kunikwa izikolo EZIHLANU zikarhulumente eziqhelekileyo ezinabaviwa abayi-80 okanye ngaphezulu ababonise ukwanda okukhulu kwireyithi yokupasa xa ireyithi yokupasa yango-2024 ithelekiswa nereyithi yokupasa yango-2023.

**Udidi 1e: Ezona zikolo ziwuphucule kakhulu umgangatho wokupasa**

Amabhaso aya kunikwa izikolo EZIHLANU zikarhulumente eziqhelekileyo ezinabaviwa abayi-80 okanye ngaphezulu ababonise ukuphucuka komgangatho wokupasa xa kuthelekiswa ireyithi yokupasa yango-2024 nereyithi yokupasa yango-2023, kwakunye nokwanda kwenani labaviwa ukususela ngo-2023 ukuya kutsho ku-2024. (Umlinganiselo wamanqaku angu-50% kwikhrayitheriya nganye kwezi zimbini)

**Udidi 1f: Ukwanda okukhulu kwipesenti yenani eliyitotali labapase ezinkwenkwezini (*distinctions)* kwizifundo zabo**

Amabhaso aya kunikwa izikolo EZIHLANU zikarhulumente eziqhelekileyo ezibonise ukwanda okukhulu kwipesenti yabaviwa abapase ezinkwenkwezini kwizifundo zabo ukususela ngo-2023 ukuya ku-2024.

**UDIDI 2 – UKUPHUCULA UMGANGATHO NOKUGQWESA KWISIFUNDO NGASINYE**

Kolu didi, zonke izikolo ziya kufumana isatifikethi.

**Udidi 2a: Ukuphucula umgangatho**

**Ukuphucula umgangatho kwiMathematika**
**Ukuphucula umgangatho kwi-*Physical Sciences***

Eli bhaso linikwa isikolo ESINYE kwiphondo esifumene awona manqaku aphezulu xa kudityaniswa le miba ilandelayo: utshintsho kwipesenti yabaviwa abakwiqela elifunda iMathematika ne-*Physical Sciences*, utshintsho kwireyithi yokupasa iMathematika ne-*Physical Sciences*, notshintsho kumanqaku angumndilili kwisifundo seMathematika ne-*Physical Sciences*. *(Amanqaku omlinganiselo ayafana kuzo zonke iikhrayitheriya nabaviwa abayi-30 abalelona nani lisezantsi ababhalisele isifundo ngasinye)*

**Ukuphucula umgangatho kwisiNgesi uLwimi lweeNkobe**
**Ukuphucula umgangatho kwisi-Afrikansi uLwimi lweeNkobe**
**Ukuphucula umgangatho kwisiXhosa uLwimi lweeNkobe**

Eli bhaso linikwa isikolo ESINYE kwiphondo esibonise ukuwuphucula umgangatho ngokukhulu kumanqaku angumndilili kwisiNgesi uLwimi lweeNkobe, isi-Afrikansi uLwimi lweeNkobe nesiXhosa

uLwimi lweeNkobe ngo-2024 xa kuthelekiswa namanqaku angumndilili kwisifundo ngo-2023. Ngabaviwa abayi-30 abalelona nani lisezantsi ababhalisele isifundo ngasinye).

**Udidi 2b: Ukugqwesa**

**Ukugqwesa kwiMathematika**
**Ukugqwesa kwi-*Physical Sciences***

Eli bhaso linikwa isikolo ESINYE kwiphondo esifumene awona manqaku aphezulu xa kudityaniswe le miba ilandelayo: ipesenti yabaviwa kwiqela labaviwa elifunda iMathematika ne-*Physical Sciences*, ireyithi yokupasa iMathematika ne-*Physical Sciences*, namanqaku angumndilili kwisifundo seMathematika ne-*Physical Sciences*. *(Amanqaku omlinganiselo ayafana kuzo zonke iikhrayitheriya nabaviwa abayi-30 abalelona nani lisezantsi ababhalisele isifundo ngasinye)*.

**Ukugqwesa kwisiNgesi uLwimi lweeNkobe**
**Ukugqwesa kwisi-Afrikansi uLwimi lweeNkobe**
**Ukugqwesa kwisiXhosa uLwimi lweeNkobe**

Eli bhaso linikwa isikolo ESINYE kwiphondo esifumene ireyithi yokupasa eyeyona iphezulu kwisiNgesi uLwimi lweeNkobe, kwisi-Afrikansi uLwimi lweeNkobe nakwisiXhosa uLwimi lweeNkobe ngo-2024 yaye sanamanqaku angumndilili angawona aphezulu kwisiNgesi uLwimi lweeNkobe, kwisi-Afrikansi uLwimi lweeNkobe nakwisiXhosa uLwimi lweeNkobe. (Umlinganiselo wamanqaku angu-*50% kwikharitheriya nganye kwezi zimbini nabaviwa abayi-30 abalelona nani lisezantsi ababhalisele isifundo ngasinye*)

**UDIDI 3: UKUPHUMELELA NGOKUGQWESILEYO KWIZIFUNDO**

Kolu didi amabhaso anikwa izikolo ezigqwesileyo kwiphondo (kubandakanywa nezikolo ezizimeleyo) ezitshatsheleyo ekupaseni izifundo ngo-2024, La mabhaso asekelwe kwiindidi zeekhrayitheriya njengoko kucaciswe kudidi olunganeno *(subcategory)* ngalunye:

**Udidi 3a: Izikolo eziphakamileyo zobugcisa *(technical high schools*) (isikolo esinye okanye ezingaphezulu)**

Kolu didi, zonke izikolo eziphakamileyo zobugcisa ziya kufumana isatifikethi.
Zizikolo ezithathu ezona zininzi eziya kukhethwa kolu didi.

| ***No.*** | **Isalathi esingundoqo** | **Indlela yokubala** | **Umlinganiselo** |
|---|---|---|---|
| **i** | Ipesenti yereyithi yokupasa equlethe konke | Inani labaviwa abafumene ireyithi yokupasa/ inani eliyitotali labaviwa ababhala iimviwo x 100 | **20%** |
| **ii** | Ipesenti yereyithi yokupasa iMathematika | Inani labaviwa beMathematika okanye abe-*Technical Mathematics* abapase ngo-30% nangaphezulu/Inani eliyitotali labaviwa beMathematika nabe-*Technical Mathematics* ababhala iimviwo x 100 | **20%** |
| **iii.** | Ireyithi yokupasa edityanisiweyo (*aggregate pass rate*) yezifundo zobugcisa | Inani labaviwa abapase izifundo zobugcisa /Inani eliyitotali labaviwa ababhala izifundo zobugcisa x 100 | **45%** |
| **iv.** | Ireyithi yabafundi abapasileyo | Abafundi bangoku beBakala 12 ababhalisileyo kwiimviwo nabapasayo/Iqela leBakala 10 (kwiminyaka emibini eyadlulayo) x 100 | **10%** |
| **v.** | Ipesenti yokupasela ukwenza isiDanga sokuqala | Inani labaviwa abafumene ireyithi yokupasela ukwenza isiDanga sokuqala/ inani eliyitotali labaviwa ababhala iimviwo x 100 | **5%** |

**Udidi 3b: Izikolo ezikhuthaza izifundo zobugcisa (*technical subjects)* (isikolo esinye okanye ezingaphezulu)**

Kolu didi, zonke izikolo eziphakamileyo ziya kufumana isatifikethi.
Zizikolo ezithathu ezona zininzi eziya kukhethwa kolu didi.

| No. | Isalathi esingundoqo | Indlela yokubala | Umlinganiselo |
|---|---|---|---|
| i | Ipesenti yereyithi yokupasa equlethe konke | Inani labaviwa abafumene ireyithi yokupasa/ Inani eliyitotali labaviwa ababhala iimviwo x 100 | **20%** |
| ii | Ipesenti yereyithi yokupasa iMathematika | Inani labaviwa beMathematika abapase ngo-30% nangaphezulu/Inani eliyitotali labaviwa beMathematika ababhala iimviwo x 100 | **20%** |
| iii. | Ireyithi yokupasa edibeneyo yezifundo zobugcisa | Inani labaviwa abapase izifundo zobugcisa/ Inani eliyitotali labaviwa ababhale izifundo zobugcisa x100 | **45%** |
| iv. | Ireyithi yabafundi abapasileyo | Abaviwa bangoku beBakala 12 ababhalisele iimviwo nabapasayo/Iqela leBakala 10 (kwiminyaka emibini eyadlulayo) x 100 | **10%** |
| v. | Ipesenti yokupasela ukwenza isiDanga sokuqala | Inani labaviwa abafumene ireyithi yokupasa yokwenza isiDanga sokuqala/ Inani eliyitotali labaviwa ababhala iimviwo x 100 | **5%** |

**Udidi 3c: Ireyithi yokupasa engaguqukiyo engu-95% nangaphezulu kwithuba leminyaka emihlanu**

Kolu didi zonke izikolo ziya kufumana isatifikethi.

Amabhaso aya kunikwa izikolo EZISIBHOZO zikarhulumente eziqhelekileyo ezinereyithi yokupasa engaguqukiyo engu-95% okanye ngaphezulu kule minyaka mihlanu idlulileyo (2020-2024). Iimeko eziphantsi kwazo izikolo ziya kuthathelwa ingqalelo xa kunikezelwa amabhaso.

**Udidi 3d: Izikolo ezinamanani obhaliso e-*NSC* angaphantsi kunabaviwa abayi-80 (izikolo ezithathu ezona zininzi)**

Kolu didi, zonke izikolo ziya kufumana isatifikethi.
Zizikolo ezithathu ezona zininzi eziya kukhethwa kolu didi.

| No. | Isalathi esingundoqo | Indlela yokubala | Ipesenti/ireyithi engumda omisiweyo | Umlinganiselo |
|---|---|---|---|---|
| **i** | Ipesenti yereyithi yokupasa equlethe konke | Inani labaviwa abafumana ireyithi yokupasa/ Inani eliyitotali labaviwa ababhala iimviwo x 100 | Ireyithi yokupasa kwizifundo equlethe konke engu-95% ubuncinane ngo-2024 | **20%** |
| **ii** | Ipesenti yokupasela ukwenza isiDanga sokuqala | Inani labaviwa abafumene ireyithi yokupasa yokwenza isiDanga sokuqala/ Inani eliyitotali labaviwa ababhala iimviwo x 100 | Ipesenti yabaviwa abanako ukwenza izifundo zesiDanga sokuqala abano-80% nangaphezulu. | **30%** |
| **iii.** | Ipesenti yokupasa ezinkwenkwezini | Inani labaviwa abafumana i-80% nangaphezulu kuso nasiphi na isifundo/ Inani eliyitotali elilindelekileyo labapase ezinkwenkwezini x100 | | **10%** |
| **iv.** | Ipesenti yereyithi yokupasa iMathematika | Inani labaviwa beMathematika abapase ngo-30% nangaphezulu/Inani eliyitotali labaviwa ababhala iimviwo x 100 | Ipesenti yabaviwa abapase iMathematika ngo-60% nangaphezulu. | **10%** |
| **v.** | Uthatho-nxaxheba kwiMathematika | Inani labaviwa beMathematika ababhala iimviwo/ Inani eliyitotali labaviwa ababhala iimviwo x 100 | | **10%** |
| **vi.** | Uthatho-nxaxheba kwi-*Physical Sciences* | Inani labaviwa be-*Physical Sciences* ababhala iimviwo/Inani eliyitotali labaviwa ababhala iimviwo x 100 | | **10%** |
| **vii.** | Ireyithi yabafundi abapasileyo | Abaviwa bangoku beBakala 12 ababhalisela iimviwo nabapasayo/Iqela leBakala 10 (kwiminyaka emibini eyadlulayo) x100 | | **10%** |

**Udidi 3e: Izikolo ezinamanani obhaliso e-NSC angaphantsi kunabaviwa abayi-80 (izikolo ezithathu ezona zininzi)**

Kolu didi, zonke izikolo ziya kufumana isatifikethi.
Kuya kukhethwa izikolo eziyi-20 kolu didi.

| No. | Isalathi esingundoqo | Indlela yokubala | Ipesenti/ireyithi engumda omisiweyo | Umlinganiselo |
|---|---|---|---|---|
| i | Ipesenti yereyithi yokupasa equlethe konke | Inani labaviwa abafumana ireyithi yokupasa/ Inani eliyitotali labaviwa ababhala iimviwo x 100 | Ireyithi yokupasa kwizifundo equlethe konke engu-95% ubuncinane ngo-2024 | **20%** |
| ii | Ipesenti yokupasela ukwenza isiDanga sokuqala | Inani labaviwa abafumene ireyithi yokupasa yokwenza isiDanga sokuqala/Inani eliyitotali labaviwa ababhala iimviwo x 100 | Ipesenti yabaviwa abanako ukwenza izifundo zesiDanga sokuqala abano-80% nangaphezulu. | **30%** |
| iii. | Ipesenti yokupasa ezinkwenkwezini | Inani labaviwa abafumana i-80% nangaphezulu kuso nasiphi na isifundo/inani eliyitotali elilindelekileyo labapase ezinkwenkwezini x100 | | **10%** |
| iv. | Ipesenti yereyithi yokupasa iMathematika | Inani labaviwa beMathematika abapase ngo-30% nangaphezulu/Inani eliyitotali labaviwa ababhala iimviwo x 100 | Ipesenti yabaviwa abapase iMathematika ngo-60% nangaphezulu. | **10%** |
| v. | Uthatho-nxaxheba kwiMathematika | Inani labaviwa beMathematika ababhala iimviwo/Inani eliyitotali labaviwa ababhala iimviwo x 100 | | **10%** |
| vi. | Uthatho-nxaxheba kwi-*Physical Sciences* | Inani labaviwa be-*Physical Sciences* ababhala iimviwo/Inani eliyitotali labaviwa ababhala iimviwo x 100 | | **10%** |
| vii. | Ireyithi yabafundi abapasileyo | Abaviwa bangoku beBakala 12 ababhalisela iimviwo nabapasayo/Iqela leBakala 10 (kwiminyaka emibini eyadlulayo) x100 | | **10%** |

## B. AMABHASO ANIKWA ABAVIWA

Bonke abaviwa baya kufumana ibhaso eliyimali nesatifikethi.

### UDIDI 1: AMABHASO EZIFUNDO ANIKWA ABAVIWA

Kolu didi, kuya kunikwa ibhaso elinye kudidi olunganeno (*subcategory)* ngalunye kumviwa onamanqaku angawona aphezulu kwisifundo esikhethiweyo kwiphondo nangu-80% awona manqaku asezantsi. Umfundi ngamnye uya kufumana i-R6 000 nesatifikethi. UMphathiswa wezeMfundo weNtshona Koloni nguye omisela izifundo ekunikwa kuzo amabhaso kuDidi 1 qho ngonyaka.

**Kwiilwimi:**
Ukugqwesa kwisiNgesi uLwimi lweeNkobe
Ukugqwesa kwisi-Afrikansi uLwimi lweeNkobe
Ukugqwesa kwisiXhosa uLwimi lweeNkobe
Ukugqwesa kuLwimi lweeNkobe loLwimi lweZandla lwaseMzantsi Afrika

**Kwi-*Information Services:***
Ukugqwesa kwi-*Computer Applications Technology*
Ukugqwesa kwi-*Information Technology*

**Kwizifundo zoBugcisa:**
Ukugqwesa kwi-*Technical Mathematics*
Ukugqwesa kwi-*Engineering Graphics and Design*
Ukugqwesa kwisifundo esikhethekileyo (*Civil/Electrical/Mechanical)*

**Kwi-*Business Sciences:***
Ukugqwesa kwi-*Accounting*
Ukugqwesa kwi-*Business Studies*

**Kwi-*Arts and Culture*:**
Nasiphi na isifundo sobugcisa *(art)* esikhethwe nguMphathiswa wezeMfundo (isifundo sobugcisa siya kwaziswa)

**Kwi-*Social Sciences*:**
Ukugqwesa kwi-*History*
Ukugqwesa kwi-Geography

**Kwi-*Service Sciences:***
Ukugqwesa kwi-*Tourism*

**Kwi-*Sciences:***
Ukugqwesa kwi-*Physical Sciences*
Ukugqwesa kwi-*Life Sciences*

Ukugqwesa kwiSifundo se-*Agriculture*

**Kwi-Mathematics**
Ukugqwesa kwi-*Mathematics*

**UDIDI 2: UKUGQWESA NANGONA BEKUKHO IZITHINTELO EKUFUNDENI**

Kolu didi, abaviwa baya kufumana i-R10 000 nesatifikethi.
Olu didi lunikwa abaviwa ABABINI abangabona baninzi kubaviwa bezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa abafumene awona manqaku aphezulu kwizifundo ezithandathu abazipase kakuhle kakhulu nabazanelisayo iimfuno ezimiselweyo zebhaso le-*NSC*, (kungabandakanywanga iSifundo soLwazi ngezoBomi *(Life Orientation (LO))*.

**UDIDI 3: AMABHASO AKHETHEKILEYO AWONGWA NGUMPHATHISWA**

Kolu didi, abaviwa baya kufumana i-R10 000 nesatifikethi.

**UDIDI 4: UKUPASA OKUGQWESILEYO KWIPHONDO LIPHELA**

Kolu didi, bonke abaviwa baya kufumana i-R10 000 kunye nesatifikethi.

**UDIDI 4a: Ukupasa okugqwesileyo kwiphondo ngokubanzi (kubandakanywa nezikolo ezizimeleyo)**

Eli bhaso linikwa abaviwa abayi-20 abagqwesileyo ngokwamanqaku abo abawafumene kwizifundo zabo ezithandathu abaqhube kakuhle kakhulu kuzo nabazanelisayo iimfuno ezimiselweyo zokunikwa iSatifikethi seMatriki kuZwelonke (iiLwimi ezimbini, iMathematika nezinye izifundo ezithathu, kungabandakanywanga iSifundo se-*LO*.

**Udidi 4b: Ukupasa okugqwesileyo ngokwemeko ezingqonge ukufunda**

Apha kuwongwa abaviwa abagqwesileyo abapase kakuhle abayi-20 ngokwamanqaku abawafumene kwizifundo ezithandathu ezona zitshatsheleyo nabazanelisayo iimfuno ezimiselweyo ze-*NSC* (iiLwimi ezimbini, iMathematika kunye nezinye izifundo ezithathu, kungabandakanywanga iSifundo se-*LO* ngokuxhomekeke ekubeni imeko yembali yezikolo zabo ithathelwa ingqalelo.

**MAKUQATSHELWE**:

Ezi ndidi zingentla ziya kudityaniswa yaye zikhutshwe ngokweefani, ngaphandle kwabaviwa abahlanu abasemagqabini.

Izikolo ezizimeleyo: Ukuba abaviwa abathathu abasemagqabini bayintlanganisela yabafundi bezikolo ezizimeleyo nabafundi bezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo, baya kwaziswa ngokwahlukeneyo.

**ISebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*) linelungelo lokungaliniki ibhaso kwiindidi apho kungekho baviwa bafanelekileyo baza kuwongwa.**

**Amabhaso anikezelwa liSebe iWCED aya kusekelwa kwiziphumo ze-*NSC* eziya kukhutshwa liSebe leMfundo esiSiseko likaZwelonke ngoJanuwari 2025.**